

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English\isiXhosa

| EyoMsintsi 2017 Ushicilelo I

Celebrating women's contribution to tourism



Tourism is a key driver of South Africa's economy.



TOURISM HAS THE potential to be a major driver of economic transformation, as a handful of Western Cape women are showing.

Sulaiman Philip

The Department of Tourism plans to increase the number of women in ownership and management positions over the next few years.

"Tourism is a key driver of our economy, with a immense potential to fast track radical and economic transformation," the Minister of Tourism Tokozile Xasa says.

It is important for the tourism sector to take the lead in transformation through opening up opportunities for women.

Minister Xasa says one of the biggest obstacles to the

empowerment of women in the tourism sector is access to funding and managerial skills. This is why government entities have set up programmes like the Industrial Development Corporation's Women Entrepreneurial Fund.

The Park Inn Hotel by Radisson in Newlands, Cape Town, is special. Opened in 2014, the three-star hotel was designed and built to make it accessible to disabled visitors. It also houses the offices of Deaf SA and a third of its staff is hearing impaired.

Just as important, Minister Xasa said on a recent visit, is that more than 50 per cent of

its staff are women, with 10 in managerial positions.

The minister was speaking during a recent tour of women-owned and managed tourism establishments in the Western Cape.

Transforming the tourism sector

It is important, she said, that the role women play in the industry be recognised.

"With a workforce comprised largely of women operating at the lower levels of the value chain, it is incumbent on our sector to lead the process of gender diversity and transformation that will result in more women occu-

pying executive positions," she said.

The minister also visited women-owned restaurants and a bed and breakfast in Khayelitsha. She had lunch with Abigail Mbalo-Mokoena at her 4Roomed eKasi Culture.

Mbalo-Mokoena, a trained dentist and contestant on MasterChef SA, dreamed of owning a restaurant at which she could serve local cuisine in a township setting.

Another woman entrepreneur, Nomalungelo Sotyingwe, owner of Lungi's BnB, shared her experiences,

● Cont. page 2

OR Tambo at the United Nations on 26 October 1976: "We will have a South Africa in which the young of our country ... shall be taught to love their people of all races, to defend the equality of the peoples, to honour creative labour, to uphold the oneness of mankind and to hate untruth, obscurantism, immorality and avarice."

Life and legacy of
OR TAMBO.
100 YEARS



SAPS steps up to help victims of gender-based violence

Page 4



Government puts plans in place to curb TB

Page 7



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews
Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za
E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za
Tel: (+27) 12 473 0405

Free Copy

Amafama aseQunu athengise isivuno sawo sokuqala

AMAFAMA EMIFUNO ASEQUNU, eyilali kaMandela, eseMpuma Koloni avuna iziphumo zenkqubo eghutuwa liSebe loPhuhliso IwamaPhandle neeNguqu kwezoLimo yokugxotha ikati eziko.

Siya Miti

Amafama asakhasayo elali kaNelson Mandela iQunu eMpuma Koloni athengise isivuno sawo semifuno sokuqala.

La mafama, angabanye babantu ababenikwe izithole zemifuno liSebe lezoPhuhliso IwamaPhandle neeNguqu kwezoLimo njengenxalenyenemibhiyozo yoSuku lweHlabathi lukaNelson Mandela kulo nyaka uphelileyo.

Izithole zanikwa isikolo samabanga aphantsi iNelson Mandela Nomoscow Primary School, isikolo samabanga aphakathi i-Emba kunye ne-Upper Qunu Junior Secondary kunye neCawe yamaTshetshi ukuba zityale iziza ezingama-67 eQunu.

Le projekthi yayanazo iingxakana, kodwa isebe zange lilahlekewe lithemb. KweyoKwindla kulo nyaka, liye lapha abantu bezi lali ezinye izithole ezingama-2400 zekhaphetshu, i-beetroot, isipinatshi kunye nezetswelengelinge lokuqhubeleka ne-nkqubo yokuvelisa ukuya okwaneleyo, elungiselelwewukulwa indlela.

Amafama aphuma kumakhaya ali-15 avuna iziphumo zokusebenza nzima; ezi zithole zanceda zandisa umthamo wesivuno, kwaye



Amafama uKoko Nkunzi noNothemba Barhaza bavuyla sabo sokuqala benoMphathiswa wePhondo woPhuhliso IwamaPhandle neeNguqu kwezoLimo uMlibo Qoboshiyane kune noJessica Venter wase-Kei Superspar.

ukuthengisa isivuno esishiyekileyo kwabangenisela imali ukuze bakwazi ukondla iintsapho zabo.

Isivuno sokuqala sithengise-Iwe u-Kei Superspar wase-Mthatha ngenyanga yeKhala.

Amakhaya asokolayo onge imali eninzi

Ethetha kwigadi yakhe ekufutshane nekhaya lika-Mandela, umfama walapha uKoko Nkunzi uthi: "Imifuno iphelisa indlala ngoko nangoko, kwaye ivuthwa ngokukhawuleza yona, ayifani nombona. Imifuno ikhula ilungele ukuvunwa

ngokukhawuleza."

UNkunzi uthi le nkqubo iyabanceda bakwazi ukuzilimela okwabo ukutyta ize imifuno eshiyekileyo bayithengise. "Ukuthengisa imveliso yethu kwaSpar kuyasikhuthaza... ukuba sasiqale kwangaphambili ngesikude ngoku," utshilo.

Umfama uNothemba Bharhaza uthi igalelo likaRhulumente litshintshe iimpilo zethu zatsho zangcono. "Siyayitya eminye imifuno ndize ndithengise isipinatshi kwalapha elalini. Igalelo likarhulumente libuphucule ubomi bam kuba ngoku

andisayithengi ezivenkileni imifuno. Ndithenga ezinye izinto ndize ndizidibanise nemifuno ndiphekele usapho lwam ukutyta okumnandi."

Xa amaxabiso okuty aenyuka akabinaxhala yena, wongeze watsho. Ngokwamaxabiso asezivenkileni ngoku, usapho olulingana nolu lukaBharhaza, olutya iibhantshi ezimbini zespinatshi nekhaphetshu enye ngesidlo, iintsuku ezili-15, longa imali eyi-R570 ngenyanga kwizinto zokutya.

Lo mama sele engumhlolakazi, ungumama wabantwanabasixhenxe nomzukulwana

omnye, uphila ngesibonelelo-mali sabadala kunye nengeniso ayenzayo ngokuthengisa imifuno.

Ivenkile yakwa-Spar ayiwiivali umlomo

UJessica Venter wakwaKei Superspar uwuncome kakhu-lu umgangatho wemifuno evela kumafama aseQunu. "Siza kuwanceda la mafama ngokuthengisa imifuno yavo. Imifuno yabo iyacaca ukuba ivunwa ngoku, amaxabiso nawo ayafikeleka kwaye nabathengi bayayithanda, " utshilo uVenter.

UMphathiswa wePhondo laseMpuma Koloni wezoPhuhliso IwamaPhandle neeNguqu kwezoLimo uMlibo Qoboshiyane uthi isebe lakhe liye lathatha isigqibo sokuba bayandise inkqubo yabo yokuelisa ukutyta okwaneleyo itsho ixhanyu-lwa ngabantu abaninzi. "Siza kubanika ezinye izithole size sibancede balungise oomatshini babo bokunkcenkceshela ukuze nesivuno sabo sibe sihle," utshilo uQoboshiyane.

"Ndivuya kakhulu kukubona aba balimi bethengisa imveliso yabo kwiivenkile ezinkulu nakumakhaya alapha elalini. Ndiyabona ukuba bayayazi into abayenzayo. Bayakuthanda ukulima." ▶

Ungaze ulahle ithemba, umlimi ucebisa oosomashishini

Hlengiwe Ngobese

ULoyiso Pepeta, owayesakuba ligosa eliphezulu lezezimali kuMasipala weNgingqi wase-Ingquza Hill, wayesoloko esazi ukuba ngeyne imini uza kuba nelakhe ishishini. Into leyo eyabangela ukuba athi akuba ngowama-2012 ukuba kukho ifama eseKokstad ethengiswayo waye waqina isibindi, walahlamsebenzini.

Ifama yakhe, i-Copperfield, inomzi-mveliso wobisi oneenkomo eziluhlobo lwe-Jersey ezili-146 ezikhupha ubisi oluzilitha ezingama-2 500 ngosuku. Ukwanzo neenkomo zenyama ezingama-226. Le

fama yakhe ithengisela uSpar, uRhino Supermarkets nezinye iivenkile ezinkulu kwiphondo laKwaZulu-Natal naseMpuma Koloni ubisi, amasi kunye neeyogathi.

Le fama yaqala inabasebenzi abali-10 kodwa ngoku sele inabasebenzi abaqeshwe isigxina abangama-36.

UPepeta uthi eli shishini lakkhe ngelingazange liqale ukuba zange abolekwe imali ezizigidi ezine zeerandi li-Ithala Development Finance Corporation. "Le mali ndayibolekwayo ndathenga ngayo ifama, oomatshini kunye neenkomo."

Waye wathatha nemali yakhe yomhlala-phantsi wavyagelala kweli shishini lakkhe. "Yayingekho enye indlela,

kvakunyanzelekile ukuba ndifake imali kweli shishini."

Ukuqhuba ishishini lezolimo akuyondlwani'yanetha

Ishishini lezolimo, njengalo naliphi na ishishini, lineengxakanazalo, utshilo, esongeza ukuba eyona ngxaki inkulu kukufumana umhlaba owaneleyo wokufuya iinkomo ezi-nzini ukuze imveliso yande.

"Umthamo wobisi ofunwa zivenkile esizithengiselayo ufunu sivelise ubisi oluzilitha ezingama-15 000 ngosuku kodwa ngenxa yokuba singakwazi ukufikelela kulo mthamokuye kunyanzeleke ukuba sithenge ubisi olungahluzzwanga kwezinye iifama ukuze sikwazi ukufikelela kulo

mthamo ufunwa ngaba novenkile sibangethise-layo," utshilo.

Malunga neenkomo zenyama, le fama ithengisa iinkomo eziengaphezulu kwe-150 ngonyaka. Uceba ukuvula eyakhe indawo yokuxhela ukuze athengisele iivenkile ngqo.

Ishishini lezolimo alinakubalungela abantu abangazinike-liyo kuba lifuna usebenze lide liyokutshona ilanga, umhla nezolo unyaka wonke.

Icebo uPepeta alipha oosomashishini abasebatsha lillula: "Sukoyika ukujina isi-



ULoyiso Pepeta uthengisela iivenkile ezinkulu kulo lonke iphondo laKwaZulu-Natal naseMpuma Koloni ubisi, amasi kunye neeyogathi.

bindi uboleke imali yokuqala ishishini eliliphupha lakho. Xa iphupha lakho lilihulu, namaqithi-qithi oza kuwafumana nawo makhulu.

"Ungalah'lithemba xa ugaganana neengxaki. Iingxaki azibulali koko ziyahlpheza, zikwenze uhlakaniphe." ▶